Isalathiso: 20170131-7831
12/2/10/3
Imibuzo: J Pheiffer

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0002/2017

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiNqununu zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: ISaveyi yaQho ngoNyaka ye*WCED* yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ka-2017

1. ISaveyi yaQho ngoNyaka ye*WCED*) yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa iya kuqhutywa ngowe-07 Matshi 2017. Kuya kufuneka iinqununu ziyisayinele idatha yabafundi kwi-*CEMIS*. Le saveyi iya kufumaneka ezikolweni ukususela ngowe-23 Februwari 2017. Kucelwa uqinisekise ukuba oku kulandelayo kubhalwe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-**07 Matshi 2017**:

1.1 Abafundi bakumabakala, kwiiklasi nakumacandelo e-*LoLT* achanekileyo.
1.2 Kugqityiwe ukukhutshelwa kwabafundi (abamkelwayo nabakhutshwayo esikolweni).
1.3 Ingcaciso engokhubazeko lwabafundi ichanekile.
1.4 Ingcaciso engootitshala ichanekile.
1.5 Utshintsho ngokwamabakala lwenziwe lwagqitywa.
1.6 Zonke izikrini zokufaka idatha zigqityiwe.

2. Ukusayinelwa kwedatha ye*SNAP* ngabaphathi bezithili abanika inkxaso kubafundi (*district learner support managers*) (iintloko ze*SLES),* makwenziwe ungadlulanga owe-**22 Matshi 2017**.

3. Njengegosa le-*EMIS* leziko, inqununu mayizilawule iinkqubo zokufaka idatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokuqinisekisa neesiginitsha zabasebenzi ekugqithiselwe kubo amagunya okutshekisha idatha bunokuvezwa xa bufunwa ngabaphicothi-zincwadi. Kucelwa nifunde iNgcaciso eMfutshane 0003/2012 yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso ukufumana ingcaciso engaphezulu.

4. Ziya kucelwa izikolo zezibhedlele ukuba zizalise ikopi eliphepha yale saveyi. Le saveyi iya kunikwa izikolo ngqo.

5. Kunyanzelekile ukusetyenziswa kwenombolo yesazisi kazwelonke (*national identity number*) ngabo bonke abafundi kuzo zonke iisistim zolawulo nokuphathwa kwezikolo. Iyafumaneka ezikolweni ingxelo enge-*CEMIS yo*kuqaphela abafundi abangenazinombolo zesazisi nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi evunyiweyo, makucetyiswe umzali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* kwiSebe leMicimbi yezeKhaya. (Makufundwe iSetyhula 0008/2014). Kucelwa iinqununu zibancedise abazali apho kunokwenzeka, ukuququzelela le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

6. Ngazo naziphi iingxaki ohlangabezana nazo ekuzaliseni le saveyi, kucelwa uqhagamshelane nala magosa esithili achaphazelekayo adweliswe apha ngezantsi:

ISithili	**UMlawuli we-*CEMIS* weSithili**	**Ifoni**	**I-imeyili**
Cape Winelands	Kevin van Eeden	023 348 0635	kevin.vaneeden@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Yvonne Ngwane Ayabulela Pinzie	044 803 8346 044 803 8367	yvonne.ngwane@westerncape.gov.za ayabulela.pinzie@westerncape.gov.za
Metro Central	Anita McGrath Tercia Southgate	021 514 6751 021 514 6737	anita.mcgrath@westerncape.gov.za tercia.southgate@westerncape.gov.za
Metro East	Buseka Ndinisa Thembeka Dlamini	021 900 7180 021 900 7181	buseka.ndinisa@westerncape.gov.za thembeka.dlamini@westerncape.gov.za
Metro North	Anecia Conradie	021 938 3039	anecia.conradie@westerncape.gov.za
Metro South	Anastasia Rose Sive Jara	021 370 2120 021 370 2106	anastasia.rose@westerncape.gov.za sive.jara@westerncape.gov.za
Overberg	Japie Bailey	028 214 7300	japie.bailey@westerncape.gov.za
West Coast	Mervan Davids	021 860 1596	mervan.davids@westerncape.gov.za

7. Iinqununu maziququzelele iinkqubo zeSaveyi i-*SNAP* ukuqinisekisa ukuchaneka nokugqitywa kwedatha efakiweyo kwangethuba.

ISAYINWE: NGU- HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2017-02-16